Unjani na uTHIXO

Isahluko I

Mhlobo othandekayo,
Esisifundo singo Thixo. Wakha wazibuza ukuthi ngaba uThixo unjani na?

UThixo mkhulu futhi umangalisa ngendlela esingeke simazi ngokupheleleyo. Kodwa-ke uThixo usiphe incwadi emangalisayo, ekuchazela nga Ye. Lencwadi yiBhayibhile, iZwi LikaThixo.

IBhayibhile isixelela ukuthi uThixo ngumdali wento zonke.

UThixo wadala iLanga nenyanga. Wadala nezigidigidi zeenkwenkwezi ezikhanyisa ebusuku esibhakabhakeni. UThixo wadala umhlaba, wasidala nathi singabantu. Ibhayibhile isixelela ngezinye isinto ezininzi ngoThixo.



UTHIXO ungusomandla

UThixo ungu Somandla. Oku kutheth'ukuthi uThixo unamandla ONKE eZulwini nasemhlabeni. Angenza noba yintoni! Akukhonto enzima kuThixo. Izibhalo zithi, "Ngokuba akukho nanye into eyakumnqabela yena uThixo." Luka 1:37

UThixo unegunya Lonke. Zonke iiNkosi nabaphathi bawo wonke amazwe asemhlabeni awayo nto xa elinga niswa na Ye. Ngenxa yokuba unegunya lonke, angenza noba yintoni afuna ukuyenza.

UTHIXO ungumoya

UThixo unguMoya. Awukhe umangale ukuthi kutheni singake simbone uThixo? Isizathu sokuba angabonwa kungokuba uThixo unguMoya ngoko asinako ukubona uMoya. Ngelixa uThixo esidala wasinika umzimba. Wasipha noMoya futhi. UMoya wethu uhlala phakathi komzimba wethu. Abanye abantu bayawubona umzimba wethu, kodwa abawuboni uMoya wona.

UThixo ungumoya wonke. Akanawo uMzimba ofana nathi kungoko ke singamboni. Izibhalo zithi, "uThixo unguMoya; abo ke bamnqulayo bamelwe kukumnqula ngomoya nangenyaniso." uYohane 4:24

Naxa singamboni uThixo, singamazi futhi singamthanda. Ukwazi uThixo kuyinto ebaluleke ukugqitha yonke into esemhlabeni wonke. Oko kungasivuyisa nyhani. Xa simaziyo uThixo, sizakum-thanda, simthembe, futhi simnqule.

UTHIXO uluzuko

Uzuko lukaThixo lukhulu lukhanya kangangokuba asinako ukumjonga. Akulungi ukujonga ilanga xa likhazimlayo' ngoba lilimaza amehlo ethu. Xa singalijonga ixesha elide, singaba ziimfama.

Uzuko LukaThixo Lungaphezulu kokukhanya kwelanga. Kungenxa yoko singeke silunge ukumbona. UThixo uthe: "…Akukho mntu ondibona aphile." Eksodus 33:20

Copyright © **2005** The Mailbox Club® International

IBhayibhile isixelela ngendoda ekwakuthiwa nguMoses. UMoses wayengu mhlobo wenene kaThixo. Wayethetha noThixo, noThixo athethe naye, kaninzi. Kodwa uMoses akazange ambone uThixo.

Ngenye imini uMoses wamcela uThixo esithi "Ndibonise ubuqaqawuli bakho?"

UThixo wathi kuMoses,
Akunakububona ubuso bam; kuba akukho mntu undibonaaphile
…ndizakukubeka emqhokrweni, weliwa
…Ndide ndidlule."

UMoses wenyuka intaba eyedwa. UThixo wambeka emqhokrweni weliwa. UThixo wadlula uMoses. UMoses akambonanga ebusweni uThixo, kodwa ubone ubuqaqawuli bakhe kancinci, futhi oko kwabanga ukuthi ubuso bakhe bukhazimle njengelanga.

Kwathi xa uMoses esehla entabeni, ubuso bakhe babukhazimla ngendlela eyabangela ukuthi abantu bamoyike. Akumangalisi ke xa uMoses nesizwe besithi, "Ngubani na onjengawe, Yehova…wena uvethe ubungcwele…?" Eksodus 15:11

UTHIXO ungcwele

UThixo uNgcwele. Oku kutsh'ukuthi uThixo unyulu futhi ufezekile, engenasono kwaphela.

Ezibhalweni ubumnyama ngelinye ixesha bufaniswa nesono. IBhayibhile ithi ngoThixo, "UThixo ukukukhanya, akukho bumnyama kuye na ka nye." 1 Yohane 1:5

UThixo ukukukhanya konke nobuqaqawuli bonke. UThixo unyulu. UThixo akoni nakanye. UThixo uhlala esenza okulungileyo nokufanelekileyo. Akukho nto enesono engasondela phambi kobuso buka Thixo. Izibhalo zithi, "uNgcwele uYehova uThixo wethu." Indumiso 99:9

UThixo ukhe wathetha nomprofeti ogama linguIsaya embonweni. Umbono ufana nephupha. UIsaya wabona umbono kaThixo ehleli etroneni yakhe. Ukujikeleza iTroni kwakukhona iingilosi zimdumisa uThixo zisithi, “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, uYehova wemikhosi; buzalise ihlabathi lonke ubuqaqawuli bakhe.” Isaya 6:3

UIsaya wathi ebona lombono kaThixo, wothuka. Umbono umbonisile ukuthi usisoni, nokuthi uThixo uyingcwele.

UTHIXO luthando

UThixo Luthando. Oko kutshukuthi uThixo uyasithanda, futhi ufuna ukusenzela konke okulungileyo. Noxa engumlawuli weZulu nomhlaba ngegunya lonke nokukhanya konke, uThixo uyasazi, kwaye usithanda sonke. Uyakwazi nawe kwaye uyakuthanda.

Usenokuthi, “kodwa ndingayazi njani ukuba uThixo uyandithanda?” Kukhona iindlela ezimbini esingayazi ngazo ukuba uThixo uyasithanda:

1. **Siyazi ukuthi uThixo uyasithanda ngoba IBhayibhile itsho njalo.** EZwini lakhe, uThixo uthi, “Ndikuthandile ngothando olungunaphakade…” Yeremiya 31:3
2. **Siyazi ukuthi uThixo uyasithanda ngoba unikele ngoNyana wake ukuba asifele.** Izibhalo zithi, “UThixo ubonisa okwakhe ukusithanda ngokuthi, sakubon’ukuba sisengaboni, uKristu asifele.” Roma 5:8

Ubusazi na ukuthi uThixo ukuthanda gqitha yonke imizuzu yokuphila kwakho? Yinyaniso! Ungacinga ngakho konke okubi oke wakwenza. Ingaba uThixo uya kwazi konke oko?

Ewe, UThixo wazi konke ngawe, kodwa ukuthanda ngokude akwenzele indlela yokuxolelwa kwezono zakho. Izibhalo zithi,

“Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wake okuphela kwamzele yo, ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obunguna phakade.” Yohane 3:16

Levesi ithi uThixo ukuthande kangangokuba wanikela ngoNyana wakhe, iNkosi uYesu Kristu, ukuba akufele emnqamlezweni, efela izono zakho. Xa ukholwa kwiNkosi uYesu umthabathe njengoMsindisi wakho, uThixo ukuxolela zonke izono zakho ade akwenze umntwana wakhe. Uba nobomi obungunaphakde.

Ngenxa yokuthi uThixo ukuthanda kakhulu kangako, uthanda ukuba nawe umthande. Zithi izibhalo, “Uze uyithande iNkozi uThixo wakho ngentliziyo yakho yonke….” Mateyu 22:37

Kuyamvuyisa uThixo xa sizikhethela ukumthanda ngentliziyo zethu zonke. INkosi uDavide wayeyindoda kaThixo enkulu ezibhalweni. Uke wathi, “O, Yehova ndizakukuthanda mna.” Kungamvuyisa kakhulu uThixo xa ungakhetha ukumthanda njengoDavide. Nanku umthandazo ongakunceda:

“Nkosi, ndizakuthanda ngentliziyo yam yonke! Ndincede ndifunde kakhulu ngawe. Ndiyakubulela ngoku thumela uNyana wakho, iNkosi uYesu, ukuba andifele, efela izono zam emnqamlezweni.”

Gxebe Apho!

Ungathanda na ukuJoyina iqela eliyolisayo ukuze ufunde nokuggitha ngoThixo?

Into ofanele ukuyenza kukuphinda ufunde esisifundo, ugcwalise iphepha lemibuzo, usiposele lona. Ngako ke uyakuba lilungu leQela lePosi, ukunye namawaka amakhwenkwe namantombazana emhlabeni wonke!

Siyakumakisha iphepha lakho lemibuzo, sibuye sikuthumele lona nesifundo esilandelayo.

Xa se ugqibe zonke izifundo ezilishumi, siyakuku thumelela isatifikeiti esihle esinegama lakho!

Ndicela uthumele iphepha lakho lemibuzo kamsinya! Sifuna ukuthi WENA ube lilungu leQela lePosi!

Isicengcelezo sam

Sebenzisa ikhowudi efihlakeleyo engezantsi ukufumanisa

Indyebo Efumyenweyo



Ikhowudi efihlakeleyo

A	I	T
D	K	U
E	L	X
G	N	Y
H	O	Z



T _____ _____

_____ _____

_____

NDINGABA NGUMNTWANA KATHIXO NJANI?

V – Vuma ukuba ungumoni.

K – Kholwa kuYesu Njengowafela izono zakho.

Y – Yiza kwiNkosi u Yesu umthathe njengo Msindisi wakho.

"Nkosi Yesu, ndilusizi nyhani ngezono zam. Ndiyakholwa ukuba ungu Nyana kaThixo nokuba wazifela izono zam. Ngoku ndikuthatha njengo Msindisi wam. Ngokuba ndisazi njani."

IMBUZO

ABAZINGISI I – ISIFUNDO I

IMIYALELO: Khetha impendulo ebhetele ku – a okanyeku b. Uyibhale kwibhokisi ngalinye.

Umzekelo: Ezulwini kulapho kukhona

b

a. Isono kancinci.
b. Akunasono apho.

UTHIXO ungusomandla

1. Izibhalo xa zithi uThixo nguSomandla kutsho ukuthi

a. UThixo unamandla angaphezulu ezulwini nasemhlabeni.
b. UThixo nguSomandla eZulwini nasemhlabeni.

2. Asikwazi ukumbona uThixo ngoba

UTHIXO ungumoya

a. UThixo nguMoya kanjalo asiwuboni uMoya.
b. UThixo ukude le apho singeke simbone.

3. Izibhalo xa zithi uThixo uNgcwele, ziisho ukuthi

a. UThixo ulunge kakhulu.
b. UThixo unyulu, ufezekile, engenasono.

UTHIXO uluzuko

4. Siyazi ukuthi uThixo uyasithanda ngoba

a. Abantu batsho njalo.
b. Izibhalo zitsho njalo.

UTHIXO luthando

5. Siyazi ukuthi uThixo uyasithanda ngoba

a. Unikele ngoNyana wakhe ukufela izono zethu.
b. Siva ngathi uyasithanda.

Bhala ivesi yakho
yengqondo apha:

Bhala
Indyebo Efunyenweyo

Igama _____ Usukulokuzalwa _____ Ubudala ____ IBanga ____
(NCEDA BHALA)

Idolophu _____ Iprovensi _____ IKhowudi yePosi _____